Isaziso sase Cala.



KWAZISWA

UMZI OMELE I CALA

UKUBA Ivenkile ebihanjiswa ngu MR. JOHN WILSON, isezandleni ngoku zo

WM. SAVAGE & SONS

Abazimisele ukuwuquba umsebenzi NGOHLOBO OLUPEZULU; kunjalonje IZAKWANDISWA KWINTO E-BIYIYO.

---

ISEBE * LAMAQABA

LAHLUKILE KANYE KWELABE

SIKOLO.

*Ityali, I Printi, Ingubo zokuvata— Yinto eninzi.*

---

I-BLANKETE, * AMAFELANE, * AMABHAI NEZIBHALALA.

---

Sinegama elidumileyo kuyo yonke i Transkei nge Blankete zetu kwane Zibha- lala.

---

IMPAHLA YOKUTSHATA:

Elisebe lipantsi kokulaula kuka Mr. BATTERSHILL wetu onamava amakulu ngeyona nto kanye ifunekayo kwabalungiselela Imitshato. Ngoko imicimbi epatiswe yena iyakwanelisa kanye.

---

INGUBO ZAMADODA:

Intlobo zonko zezitofu, ne Twidi, Ibhatyi, Ibhulukwe— ngazwinye into yonke anga- yifunayo umntu.

---

W. SAVAGE & SONS

J. R. IRELAND,

Umaki Wezindlu Nomtati we Kontreki,

*Umcweli Kumasebe Okucwela Onke.*

MARKET STREET,

Kingwilliamstown.

---

*UMENZI WEMPAHLA YEZIKOLO YENTLOBO ZONKE.*

---

*I DESK EZINEZIHLALO ZAZO, EZENZIWE KAKUHLE NANGENDLELA EMANGALISAYO NANGAPEZU KWEZIVELA KWAMA- NYE AMAZWE, NAMAXABISO ANGANENO.*

GUTINYUZI!
KWABAMELE I TYUMEI!

A. & G. HENRY,

(Omnye ngobesaknba kwa Clayton, e Bofolo)

BAVULE Ivenkile elilungelo Kumzi Ontsnndu, kumzi obungoka FRANCIS e NCERA. Barola Imali epezulu ngo MBONA, ne MFELE, no BOYA neionto.

Impahla efunwa ngamanenekazi; Impahla efunwa ngamadoda banayo ngokupeleleyo.

Into ezinjenge Swekile, i Ti, Kofu, Mgu- bo, nempahla yendlu—eyona ilungileyo ngamanani awona apantsi.

*Ningakulibali * Ukubahambela*

Baionge Ukuxhaswa Banzi.

A.& G. HENRY, E-TYUME,

EYONA VENKILE

Ezinge Mfundo

LAMPLOUGH TRAINING INST.,

BUTTERWORTH (E GCUWA),

LE SINALA ivulwa kwakona ukuqala umsebenzi ngolwesi TATU, JULY 26, 1893.

Ukohlangabezi umteto omtsha ka Dr.
Muir, kuyakubako indawo ye Pupil Teachers
ezintandatu. Nakwi bebe Lomsebenzi kukwako indawo yabasebenzi abalishumi.

ISEBENZA NGOBUGQI.

I-RHEUMATICURO!

IYEZA ELIKULU LASE SOUTH AFRICA.



Alikaze linqatyelwe kupilisa Izifo Zamatambo. Isinqe, ingqaqambo Zentloko.

Lingqinwe ngamawaka.

Umenzi walo kupela ngu

J. JONES, Cape Town.

LINOKUTENGWA NAPINA.

*GREAT AFRICAN ORSMOND'S PREPARATIONS*

THE GREAT AFRICAN REMEDY

THE STANDARD DOMESTIC MEDICINE

FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME

Vida Pamphlet.

THE GREAT AFRICAN

For Eczema, Eruptions, Sores, Syphilitic and Scrofulous

DISEASES BLOOD

Unrivaled Tonic for FEMALES
Specific for Kidney Urinary Disorders

PURIFIER

The GREATEST AFRICAN GUARANTEED SPECIFIC FOR

*COLIC, DIARRHOEA, DYSENTRY AND SUMMER BOWEL COMPLAINTS*

*ANTI-RELAX*

THE GREAT AFRICAN

FRUIT PILLS

For Liver, Stomach and Bowels.

The Cure for
Piles and Constipation.
Are Mild and Effective.

GREAT AFRICAN HERBAL OINTMENT.

For New and Old Bores, Skin Diseases, Piles, Rheumatism, Sprains, •ains in Joints and Muscles, Inflammatory Swellings.

PREPARED BY G E. COOK

A J. Cross & Co

KING WILLIAMSTOWN

*Esitsha Isaziso sika TIKOLOSHE*

---

*Kubaxhasi Abantsundu!*

O A. J. Cross & Co. Banga bangnzisa Abahlobo babo Aba- mnyama kuso sonke isi Qingata sase Qonce, e Ngqushwa, nakwezi- nye eziraulayo ukuba Base kwi Sitora Sabo Kwigumbi le Marike. Basaligcinile igama labo lokuba bate- ngisa ngamaxabiso angapa- ntsi kwawazo zonke ivenkile

APA E QONCE.

---

IPULUWA, ISALI, IHEMPE, IBHULUKWE, IBHATYI, INGU- BO NEZAMANKAZANA.

---

Umgubo, Ikofu, Iti, Iswe- kila— ngazwinye Into yonke etyiwayo.

---

*Basanika awona maxabiso nge NGQOLOWA, UMBONA, nezinye iritlobo zokutya.*

---

A. J. Cross & Co

Abameli Micimbi

E. J. BRYNE

(ATTORNEY, ETC.)

UMTETELELI-Ematyaleni, Umbali Minqopiso yengqesho neyentengiso mihlalaba. Ukwa yi .Arente ye Gresham Life Assurance Society. No. 33, Maclean Street,
E-QONCE.

CHARLTON & CAMPBELL,

(LAW AND GENERAL AGENTS).

BABHALA iminqopiso yengqesho, neyentengiso mihlaba, neyoku- bolekwa kwemali, namatyala abutwa ngokutshetsha.

Amatyala atetwa kwinkundla ye Mantyi, e Lady Frere, nakwi ofisi yase Bolotwa. Ikaya e

LADY FRERE.

J. KUZANE,

(LAW-AGENT),

AMATYALA uwateta nakuyipina i Ofisi ya Pesheya kwe Nciba.
Umteteleli Ematyaleni,

KU-TSOLO.

W.R ROSE-INNES,

(ATTORNEY, ETC.),

UMTETELELI, njalo-njalo, Uyawazisa umzi ontsundu ukuba ubuyile, nokuba usaya kuyinyamekela yonke Imicimbi ya Bantsundu apatiswa yona njengokwangapambili,

E-QONCE.

SAUERS & ORSMOND,

(ATTORNEYS TO THE SUPREME COURT)

Abalungiseleli * Ematyaleni * Amakulu-

ABABHALI BEMINQOPISO YASE MTETWENI, NABABI-MAFA,

BANGABATETELI FANDESI, NABAXELI BAMANANI EZINTO BAMATYALA AMAKULU.

Amatyala bawateta e

ALVANI, HERSCHEL, LADY GREY

NASE

BARKLY EAST.

OLUKA

Gowie Uluhlu

Luka AUGUST.

IXA lokutyala Imiti Yeziqamo, Izityalo ze Rose, njalo njalo, lise Jibupela, kengoko ukutyalwa makugqityelelwe kwangoku

ITAPILE.--Ixesha lokutyala Itapile lilo eli.

FLOWER BULBS —Tyala i Dahlia, Inyit iba, Caladium, Begonia, Gloxinia, Cyclamen, Tuberose, Tigridia, ne Hyacinth ye Hlobo.

Njengokuba seyikufupi i Ntlakohlaza umhlaba mauhlale ulungiselelwe ukutyala nokuhlwayela.

Kusand' ukushicilelwa eka G-owie i Catalogue ye Ntlakohlaza yo 1893. Ixabiso la., itunyelwe ze nge Post. Isisisa, ize

W. & C. GOWIE,

GRAHAMSTOWN.

*Address for Telegrams : —*

" OATLANDS, Grahamstown.

EKA-POWELL

INCINDI YE ANISEED

INOKULUP1LISA UKOHLOKOHLO LWAKO

TLIZWE LIPELA LILIYEZA ELIQONDWAYO LOKOHLOKOHLO. Ukutengwa kwalo oku- banxi kulo lonke iiizwe kwalata ubuxabiso balo, on nnn ABENZI-MAYEZA ABALITE- ZU,UUU NGISAYO.

Abo bangazanga balilinga, mabake balilinge kwangok*.

EMABHOTWENI NASEMANQUGWALENI NGOKULINGANAYO, Eka-Powell Incindi ye Aniseed iyinkunqele ye YEZA LOKUKOHLELA elidala, Ukutengiswa kwalo okubanzi kulo lonke elokukanya kuhlokomisa ukulunga kwalo.
T IBEHLE LIZICOMBULULE IZIKOHLELA. L UKUKOHLELA KWANGOKUHLWA LI. KUNCEDA KAMSINYANE.
S WALASELANI UMFANEKISO ONGENTLA APEPENI ELISONGELWE KUWO.

Kangelani amagama ati "Thomas Powell, Blackfriars Road, London," kwisiqiniselo sakwa Rulumeni.

Ningayamkeli Imilinganiso. Labako 1824, A BASEZIFAMENI XA BAZE KUTENGA BA-o- NGALILIBALI ELIYEZA LIDALA LOKOHLELO.

EKUKOHLELENI.

gKA-POWELL INCINDI YB ANIS1DI,

J£WISIFUBA SOM'BEFU, NOMFULAWENJA,

T7TENGISWA NGABENZI-BAMAYEZA NE U VENKILE, KWELASE OSTRELIYA, ne NYUZILANI, ne KOLONI ZASE KAPA.
Ibhotile Is. IJd. ne 2s. 6d.

N. MEYER,

Inchibi Yentsimbi Zamaxesha, Imisesane,

oama Jikazi,

CAMBRIDGE ROAD, Kingwilliamstown

Wonka umsebenzi endiwupatisi- weyo wenziwa msinyane, ungowe



Uboya! Uboya!

U KATA!

---

SISANDULUKUFU-

MANA i odolo evela e Ngilani ukuba Sitenge bonke

UBOYA BE NETEVU.

Zisani uboya ke nibone ukuba asiroli a wona manani afanele yona.

---

W. O. CARTER & CO.,

*MACLEAN SQUARE,*

KING WILLIAMS TOWN.

LESA § APA!

Cuthbert AND Co.

MARKET SQUARE,

KING WILLIAMS TOWN,

Batengisa ngoku Intlobo-ntlobo ezintle kunene

ZEZIHLANGU—

NE

—SHUZI.

Ngamaxabiso Alula.

---

I-Blutshazi Zama Doda ziqala kwi 5/-.

---

Ezama-Nkazana ziqalo 2/6.

---

YIZANI KUZIBONA IZIHLANCU ESINAZO.

---

Cuthbert & Co.,

MARKET SQUARE

E QONCE

Amayeza ka Cook Abantsundu

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxaza.
1/6 ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lukokohlela (Lingamafuta).
1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe.
9d. ibotile

Elika

COOK Iyeza Lepalo.
1/6 ibotile.

Ezika

COOK Ipilisi
1/ ngebokisana.

Eka

Cook Incindi Yezinyo.
6d. ngebotile.

Oka

COOK Umciza Westepu Sabantwana.
6d. ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo.
6d. ngesiqunyana

Oka

COOK Umciza we Cesine. 8/6.

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

*Ngawenkohliso angenalo igamalake.*

IZAZISO ZAKOMKULU.

*ZISHICILELWA '.'NGE '. GUNYA.*

INTSHUMAYELO

NGU MHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH.

Owcntshinga ye Knight Grand Cross, yo
didi olubaluleke kunene lo St. M.chael
no St. George, Owamatshawe adume
kunene e Bath, i Ruluneli no Mpati
Oyintloko we Koloni yo Mntan' Omhle
yase Cape of Good Hope e South Africa,
namazwana nezibhaxu zayo, ne Sandia
so Mntan' Omhle, njalo-njalo.

NGOKWE Siqendn sesine so " Mteto -Li Wokubhalwa kwaba Voti," No. It ka 1887, okoknba i Ruluneli, ngesishumayelo,
ngesisihlomelo singapantsi, iyakuyalela
i Feltkorneti nokuba ngubanina osendaweni
yayo ofanelekileyo, ukuba makenzele eso
siqingata aknso nezinye iz-qingata ngazinye
ezinabanyu'i (ugapandle kwesiqingata ease
Kapa) uluhlu Iwamagama abantu abanelungelo lokunyula amalungu e Palamente
abakwezo ziqingrta: Ngako oko, mna Ruluneli, ngesi sishumayelo satn, ndihlomola
ndiyalola i Feltkornet, nokubr ngabantu
ababambeleyo okweloxesha, nabrnye ab-kankanyiwero apa, ukuba babhale abantu
abanelungelo lokunyula amalungu e PHamf-nte njengencazelo yalo Mteto nanjengo
" Mteto Woku'ota nowokuvota ngamapepa,"
No 9 ka 1892 Kanjalo ngam.andla negunya end limkwa ngulo Mteto, t dimiaa nmhla
we 19 ka August 1893 ukuba ube rgnmhla
wokugqibe'a ukubhala atnngama.

T1X0 8INDISA UKUMKANIKAZI !

Ubekwa isandla sam netywina le Koloni
yase Cape of Gvod Hope, ngalomhla we 17
ka June 1893.
Ngcmyalelo wo
No 216, 1893.

HENRY B LOCH,
Iruluneli.

Mhlekazi e Bhungeni.

C. J. RHODES

*Indawo ezibalulelwe ubhalo Iwabavoti esisi*

*ngtswe kuzo isaziso No* 216 *so* 1893

UMANDLA WASE ALBANY—*E Rini,* e Dolopuii, Snmnel Henry Roberts, e Rini. *North Fish River,* i Felkornet e Glenovis. *East t'ish River,* i Felkornet, incediswa ngu
Atnco'lia: wayo ose Trumpeter*, e Hounslow. *Upper Riebeck,* i Felkornet, e Sheffield.
*Lower Riebeck,* i Felkornet, o Springvale. *Loirer Bushmax's River,* i Felkornet, incediewa ngu Mncedisi wayo ose Kini, e Salem

UMANDLANA WASE B TL'I—*Port Alfred,* Ji mes Cock, Umkangeli we NeteVu, Port
Alfred. *Southwell,* i Felkornet, e Lombard's

UMANDLA WASE ALIWAL NORTH.—*Aliwa. North,* i Felkornet, edolopini e Aliwal North
*Bvffelsvley,* i Felkornet, e Olyveufontein *Klipspruit,* i Felkornet, e Kelkoen Krantz *Barnard spruit,* i Felkornet, e Lemoen Kloof
*Kraai River,* i Felkornet, e Bierfontein *New England,* i Felkornet, e Gairtcey. *Herschel.* James E. Surmon, e Herschel. *New England (Isiqingatana),* i Felkornet, e Sandham.

UMAN LA WASE MONH—Kubu Felkornet No], i Felkorne', e VVarrendale. No 2, i Felkornet, e Farm No 83. No 3, i Felkornet e Rocklands. No 4, John Louis Norton, Chief Constable e Monti. No 5, i Felkernet e Farm No 183. No 6, i Felkornet e Pots dam. No 7, i Felkornt t e Thorn Hill, kwi Lokeshoni ka Van der Kemp.—*Kumandla tvase Qumra*— Kubu Felkornet No 4, i Felkorn-1 e Woolhope. No 5, ? Felkornet e Sea View, No 6, i Felkornet e Lily vale.

UMANDLA WASE PHOFOLO.—*Fort Beaufort,*
Umnced si we felkornet e Bhofolo. *Blink' water,* i Felkornet incediswa ngu F. W. Clarke e Mount Pleasant, *Koonap* i Felkornet e Hammonds. *Adelaide,* i Felkornet e Adelaide. *Winterberg.* i Felkornet e Post Retief. *Kroomie,* i Felkornet e St Lawrence. Felkornet No 1, i Fslkornet e Cathcart, No 2, i Felkornet e Rossford. No 3, i Feb kornet e Schaffsbansen. No 6, i Felkornet e Hospital Farm.— *Umandlana lease Tarka—*
*Tarkastad,* i Felkornet e Taskastad. *Mos. tert's Boek* (isiqingatana), i Felkornet e Uartfontein *Wildschutsberg,* F. H. Cockin e Kleinhahsfontein.

UMANDLA WASE TINA'A—*Uitenhage,* i Felkornet e Uitenhage. *Van Stadens River,* i Felkorret e Sunnyside. *Elands River,* i Felkornet e Tiptree Farm. *Coega.* i Fel. kornet e Coega Kammi. *Sunday's River,* i Felkornet e Hillside. *Great Winterhoek* West, i Felkornet incediswa ngu E. J. Kiikman e Boxmoor. *Great Winterhoek East,* i Felkornet e Tiger Hoek *Klein Winterhoek,* i Felkornet e Uaas''ontein.— *Kumandlana wase Jansenville—Jansenville,* i Felkornet e Jansenville. *Kleine Zwart Ruggens,* i Felkornet e Klip Kop *Groote Zwart Ruggens,* i Felkornet e Klipplaat. *Upper Sunday's River,* i Felkornet e Blauw. krantz. *Riet River,* i Felkornet e Waterford. *Loots Kloof,* i Felkornet e Ebenezer.—*Umandl* i *wase Alexandria—Alexandria,* i Fel. kornet e Alexandria. *Oliphants Hoek,* i Felkornet e Waai Heuvel. *Bushman's River,*
i Felkornet e Preston Park. *Congo's Kraal,* i Felkornet e Congo's Kraal. *Gorah,* i Felk rnet e Sandfl rts. *Zuurberg,* i Felkornet e Wildemau's Kraal. — *Umandl na wase WMowmore—Henley,* i Felkornet e Henley.
I *Voor Baviaan's Kloof* (isiqingatana), i Fel. kornete Veeren Kraal. *In Boviian's Kloof,* i Felkornet e Kleinpoort.— *Umandlana wase Humansdorp—Zeekoe River,* i Felkornet e Humansdorp. *Zuurbron* i Felkornet e Zuurbron. ~
fontein.
Kromme River.
Laagte.
Quagga. *Hankey,* i Felkornet e Hankey.

r MAN

LA WASE Vic OI^^^^T —(E Di. keni), *Alice* (isiqingatan'^jj^^^'elkornet e
Alice. *Tyume,* i Felkornet e P.O. Tyume. *Calderwood,* i Felkornet e P.O. Calderwood.
*Fort Wiltshire,* i Felkornet e Sheshegu. *Funah's Kloof,* i Felkornet e Kingston.—(E Ngqushwa)—*Peddie,* i Felkornet e Peddie. *Buckkraal,* i Felkornet e Mgwa.
ngqa
Farm.
Le
sendrum
.
Barnfather.
cules. *Bira,* i Felkornet e Hastings.

UMANDLA WASE WODEHOUSE.—*Dordrecht,* i Felkornet e Braak Leeute. *Grootvley,* i Felkornet incediswa ngu Mncedisi way > ose
Craiggie Burn, e Carnarvon. Upper *Stormberg,* i Fe'kornet e Snyman's Kraal. *Holspruit,* i Felkornet e Klip Kraal. West *Waschbank,* i Felkornet e Paarde Kraal. *Tambookie Location,* i Felkornet e Mount Pleasant.—*Umandlana wase Barkly East* —
*Barkly East,* i Felkornet e Middelfontein. *New England* (ieiqingatana), i Felkornet incediswa ngu II. O. Sepht >n, Fetcaui Glen,
e Sandham. *Highlands,* i Felkornet incediswa ngu A. E. Stephenson, Bothwell, e Elibank. *Sterkspruit,* i > elkornet e Farnham. *Drakensberg,* i Felkornet e Cullens, wood. *Vaalhoek,* i Felkornet incediswa ngu
H. S. Nel, e Ventnor, e Clifford.

UMANDLA
1 Umtata,
2 Cicira,
*Elliot ale,* Resident Magistrate, Elliotdale.
*Mqanduli,* Resident Magistrate, Mqanduli.
*Xalanga* — 1 Gala, Resident Magistrate, Cala ;
2 Gubenxa, J Adamson, Gubenxa ; 3 Xuka,
J Hart, Roman ; 4 Slang River, John Barry,
Elliot; 5 Emhokotwana, C Auoamp, Embo.
kotwuna ; 6 Kosana, W F Beadon, Ettrick ;
7 Gecelo, 0 Pretorius, Gleniffer.
*Engcobo—*
1 Engcobo, Resident Magistrate, Engcobo ;
2 Qwebeqwebe, A J Aldum, Qwebeqwebe;
3 Qamauco, G F Bode. Qumanco. *Saint Mak's,* Resident Magistrate, Saint Mark's;
W H Wilson, Southeyville.— *E Transkei* —
*Butterworth: ~*
Butterworth ;
Butterworth,
dent Magistrate, Willowvale.
Tsotno Post, E Adey, Tsomo Post ; 2 Mba-
In, Chief Constable, Tsomo; 3 Tsoj ina, B Phillips, Ts j ina. *Idutyvia* Resident Magistrate, Idutywa. *Kentani—* 1 Kentani,
11- sideut Magistrate, Kentani ; 2 Entlambe,
Alexander Geddes, Kentani ; 3 Manyube,
Arthur Charles Kirkby, Kentani. *Ngqamakwe—* 1 Ngqamakwe, TWO Norton, Ngqamakwe; 2 Kotane, Richard Budge, Kotane; 3 Gqogg°ra, Alfred Bowen, Gqo-

Published by the Proprietor, J. TENGOJABAVU, at Smith Street, Kingwilliamstown.

# PASCOE, (U FOLOKOCO)

## USAHLELI AKAFILE:

Apo uya kumbona NGOKWAKE (SALUF') kuse

## QONCE,EMONTI nase CALA,

## Yizani kubona Imimangalisc yake engatetekiyo

Ngapandle kwe MPAHLA yake nga ningakumbula ukuba ngoku (Dress Maker) ovela e ENGLAND. eyazekayo kunene, uno DRES-MEKA

*ILOKWE ZOKUTSHATA EZENZIWA LELI LEDI ZINGUMMANGALISO.*

Intombi enxibe 'enye YEZILOK.WE ingatsho no Mlungukazi wayo nangayazi; ngenene, ndifung' u " Rarabe," 'Strue Blam / ku ga- nzimal ukumazi.

---

NGUYE NGOKWAKE

## FOLOKOCO. (Salufu).

## ISAZISO.

Kwabantsundu base Qonce, Transkei, Ngqushwa, kwa Qoboqobo, Xesi, nezinye indawo.

UMHLOBO wenu omdala u A. W. FULLER, obeke eyi Mantyi Pesheya kwe Nciba, uyazisa ukuba uqale Ibhizini yokuba ngu Mfandesi e MONTI, uyakuba nama Fandesi enipahla ehambayo zonke inyanga (nge SixhosaJ e Lokeshoni yakwa Tsolo ngeveki yokuqala ye- nyanga zonke. Ifandesi lokuqala loba ngo MGQIBELO, 5 AUGUST, ngo 4 p.m. (emva kwedinala). Imazi Zenkomo, Amatokazi, nama Tole, —zezona nto zipambili ekutengiswa ngazo. Uzilungiselele ukutengisela nabanina ongenako ukufikelela efandesini.

A. W. FULLER & CO, Abafndesi.

East London, July, 1893. 3tl68

## The African and American Working Men's Union.

### ISAZISO KUBA-BAMBI-ZAHLULO.

INTLANGANISO yaha-Bambi-Zahlulo yesiqingata sonyaka iyakubako e Port Elizabeth, esikolweni sase Wesile ngolwesi Bini, 26th September, 1893, iyakuqala ngo 730 pm. *Icanye.*

Yenzelwa ukwamkela ingxelo yaba Pati, kwanohlobo ezimi ngalo imali kuse kusuku Iwe 20 June ogqitileyo.

Kwangelo xesba kuleyo nllanganiso aba-Bambi-Zablulo baya kunyula aba-Pati babe babini esikundleni so Messrs. MOSES D. FOLEY no GEOKGE A. ROSP, abasbenxayo ngokulandelana kwabo ekunyulweni, baye benokubuye banyulwe kanjalc.

Kanjalo Isizinzo so Manyano sinokufunyanwa ngaba-Bambi-Zahlulo ku-Nobbala nge Sheleni (1).

GEORGE A. ROSS, Secretary.

Port Elizabeth, 28tb July, 1893.

## *IFANDESI*

ITYALI,

ILOKWE ZANGAPANTSI,

IPRINTI,

IDYASI ZAMALEDI,

## E QONCE.

IZIHLANGU ne SHUZI,

ISUTI ZAMADODA,

IHEMPE

IBHATYI ne BHULUKWE

## *ELIKULU*

IBHATYI,

IJEZI, CLOUDS,

1 CHEMESES,

I BOAS ZOBOYA.

## E QONCE.

IZIHLANGU ne SHUZI,

AMAQINA,

NE KAUSI,

JNJALO-NJALO.

## GIBBERD & BRYANT.

KUFUMBA

### Ezinge-Mfundo

UMBHAKI OLUNGILEYO (ONTSUNDU,) E CUMAKALA (DOHNE).

KUFUNWA Itishala e Coyi. Mayibe nesiqinisalo sakwa Rulameni semfu- ndo yayo, nesimilo esilungileyo, ibe likolwa. Umvuzo £40 ngonyaks. Ifunekr ukuvulwa kwezikolo ngo OCTOBER ozayo. Kubha- lelwa u

REV. G. KAKAZA, 1296 Grahamstown.

INDODA engsseliyo newaziyo kakuhle umsebenzi—ingqinelwe kanjako. Oyi- funayo indawo mabhalele axel© nexabiso angalibizayo kwi Office ye " Mvo " King Williamstown.—1 August, 1893. 6tl39

### Ukwazisana kwezihlobo

Imibiko.

GIJANA.—E Bhai ngomhla we 12 August, 1893, knbhubhe u SARIAN GUANA, intombi ka Gijana. Yangcwatywa nge Cawa, 13 August nkumka komlila. Kwaziswa izihlobo ezikude.

UKUJiKWA KWE GAMA.

UKUSUSELA kwinamhla mna ol esaku- kwaziwa ngeligama—T. M. SOHA- LUBE, ndiya lijika namhla ukuba ibe ngu T. M. NGWATYU, Port Elizabeth. 2t3U8

### Indlela yokubhalela.

Rev W. Benson Rubusana, Location, East London. 2t238

## Kulahleke or Kubiwe

BONISANI MZI! IPONI EMFUSA enecapaza elimhlope lesali emqo- lo; ilahleke e Molteno. Olandisayo makabalele ku Mr. M. N. Galela, Mol- teno, okanye ku Mhleli we "Mvo."— HENRY SISUSA, Molteno, 9 August, 1893. 3t308

UMQALA, ICESINA, Nobutulu Obusuka Emqaleni

UKUZIPILISA NGAPANDLE KOGQ1RA.

Iziguli zS i zifo azazi ukuba ziyasulela, nokokuba zibangwa bubuko barnatuku ematateui. Ukuqwalaselwa nge felkekile kute kwakubonisa oku ukuba kuyinene, isiqatno soko ke sibe kukwenziwa kwe- yeza abangati abafayo ngendlela elula ' nengena nkatazo babe nokuziuyanga ngokwabo emakaya ngeveki ezimbini. Incwadana echaza ukusetyenziswa kwalo mebiza mtsha inokutunyelwa nakubanina ote watumela i stamp se 2Jd ku A.

HUTTON DIXON, 43 A 45 East Bloor St. TORONTO, Canada.—*Scientific American*



## Imvo Zabantsundu

IZALATISO NGENXASO YEPEPA.

Ngonyaka (irolwe xa uqalayo ... 13s. 6d.
Ngenyauga-Ntandatu (ekuqaleni) 7s. Od.
Ngenyanga-Ntatu (ekuqaleni) ... 3s. 6d.

---

Ukuba zide zapela inyanga ezintatu ingarolwanga intlaulo seyi 4s.

---

Abahlobo banga bangahlala beyisonde- ze ezingqondweni indawo yencito enkulu yemali, egqite neyamanye amashishini, yokuhanjiswa kwepepa ; butt bona ubu- ncinane benyanga ezintatu, xana babafu- tshane, bahlale bebutumela. Oko kuya | kubancipisela umtwalo, bapungule ixhala ' koquba umsebenzi.

---

Makuqondwe ukuba ukutabatela kwe- lixesha iyakuquqelwa ngendlela zonke intlaulo kwa isakugqitelwa zinyanga- ntatu—kuba yakuba lityala elikulu iti ibe nobunzima ebantwini nasepepeni. Lendawo mabasiuyamezele ngayo aba- blobo.

Okunye umsebenzi ufuua iqela elitsha eliya kufaka amagxalaba, kuba udidize- leia ekuweni ngokuyekelwa kwawo kwa- bambalwa.

Kuyalezwa bukali ukuba abangekayi tumeli imali ye Kwata epele ngo June, kwanale ipetweyo beujenjalo kwangoku.

J. TENGO-JABAVU.

1 August, 1893.

UKUNYANGWA KANYE KOBUTHULU !- Nawupina onobuthulu, nokuti nzi kwentloko, angafumana ukuqonda ngendlela entsha, elula yokunyanaa, encedise kunene ukupilisa bonke abanobuthuhi bentlobo zonke. Incazo ezeleyo, kwakunye nenteto ezincomayo zabaziye benyanze- lekile, kwanokutetwa ngamanepa, inokutunyelwa ngapandle kwentlaulo koyice'ayo. Olublobo ngapandle kwamatanda lolupumefele kanye oke Iwasondezwa emzini. Kubhalelwa,—Aural Specialist, Albany Buildings, 39, Victoria Street, Westminister, London, S. W.

## Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-TATU, AUG 23, 1893.


## Iveki.

Isisalela se ZULU CHOIR sibuyilc e Ngilane sesise Natal.

---

IMVULA zine kamnandi e Bekcsdolopu nase Colesbcrg kwiveki egqitilcyo.

---

KWIVEKI engapaya c Johannesburg kufe i 12 labamhlope ne 24 abantsundu. |

—

IZIITTIITTI zase Bombay zibuyc zada- | mba sekubanjwe i 1500, kwata i loO, , kwenzakala into eninzi yabantu.

---

IL'A.MA elimhlope elingu J. H. Hattingh lilindiselwe i Jaji e Skapu ngobusela bcnkoino zika Mr. Joseph Leplcy.

---

INTOMBAZANA emhlope eyayilunywe yinja enomgodowi ibube c Bai kwiveki ogqitileyo sekunyanga mbini ilunyiwc.

---

E MGUNGUNDLOVU intombazana ye Kula ipantse yabulala isihlanu sabantu nge tea eyigalele ityefu yempuku basi- nda madakadaka. Ibanjiwe.

---

KWIVEKI ogqitileyo kubanjwe um- Tshangana ongu Sam obelinga ukudlwc- ] nguia intwazana yomlungu eniinyaka | i 21 ubudala e Johannesburg.

---

I NETEVU ezimbini zidilikelwe ngu- mhlaba wendlela kaloliwe e Johannesburg, kwiveki ogqitileyo zenzakala I kakubi ekungeko temba lokuba ziya j kupila.

---

U MR. KLINCK indlali yebhola eyazekayo uhlafunwe ngumashini wafa kumngxuma oji Spes Bona Mine c Johannesburg ngolwesi- Hlanu Iweveki epelileyo.

---

U SIR GORDON SPRIGG uvakalise e . Palamente ukuba unyulo olukuhi luya- I kuba nialunga no January wonyaka ozayo, ngoko ke umzi mawenze kuhle I ungaxatapali ngento zonyulo.

KWANCAMACAMA, AMAGAMA !

AMAGOSA abetabata amagama abantu abanelungelo lokumi- sa i Palamente yelilizwe awuqukum- bele owawo umsebenzi ugo Mgqi- belo lo ugqitileyo (19 August) njengokuba kwaye kumiselwe nge- saziso ngu R,ulumeni. Kanti ke wona umsebenzi wokungeniswa kwamagama awukapeli. Sisemfa- nelweni xa siti kokona uqalileyo.

UPAKANYISO LOMQULU.

Kokona uqalileyo kuba kaloku ziqal? ngosuku olulandela olo selubalulwe ukuwaneka umqulu wamagama eziwamkeleyo kwiziqi- ngata zazo. Lowo mquiu zimelwe kuwubhengeza ixesha leveki ezi- ntlanu, imini zonke, ukutabatela kwixesha lesixenxe kusasa de kube lelesihlanu ukumka kwelanga. Ngapambili ubupakanyiswa iveki ezimbini umqulu ; kodwa ngomteto wanyakenye .umiselwe ukuba ube- veki ntlanu.

ISIZATU SOKUPAKANYISWA.

Umqulu upakanyiselwe ukuba abantu baqonde ngamagaraa abo , ukubhalwa nokungabhalwa kwawo, I ukuze bafike bazise ngawo emago- [1] seni. Ukwazisa kwenziwa ngama- pepa ashicilelweyo akomkulu ano- ' kufunyanwa kwamantyi kwanakwi Felkornet. Lamapepa anendawo ezifuna ukubhalwa ngengqondo, ; ekufuneka amadodana engqondo encedise abantu mayelana nokulu- ngelelisa kakuhle ngobhalo ama- bango abo.

ABANEMFANELO.

Abebekumqulu wokugqibela bange niswa ngamalungelo amadala e £25 (indlu nomhlaba apila ngawo umntu) ; banokubhalelwa amapepa I ebango. Kodwa abamagama abengekoyo kumqulu wo 189L-2, j kufuneka ilungelo labo lendlu i nomhlaba liku £75, zengapezu koko bakwazi ukubhala (1) Amagama abo, (2) indawo akuyo umntu, (3) kwanegama lomsebenzi apile nguwo ! umntu. Kube kupela ke. Abange- na ngemivuzo ixabiso amababe bazuza Iona nga £50. Otitshala mabangakulibali ukubalela emvu- zweni ixabiso lezindlu abazinikwe kuba bezititsliala kwanemihlaba abayilimayo yolohlobo. Bona ke akufuneki nganto ukuba sibonise ngokufuneka kokubhala.

ESINYE ISIZATU

sokupakanyiswa kwamagama kuku- ba ati nabanina obona igama lomntu amaziyo ukuba akanamfanelo, ali- bhale kwakwipepa elinokufunyanwa kw'akumagosa apo. Lamapepa ama- bango nezimangalo makanikelwe igosa, eliyakuba limise usuku nge- saziso esikutshwe kunye nomqulu, ukuoa ababangi belungelo nabama- ngala abanye maze bawangenise amapepa. Amagama ababangi na- bachasiweyo ayakubuye enziwe uluhlu, balatelwe ixesha abayaku- bako ngalo ukucacisa pambi kwalo ngendawo ezo zibange ukuba ba- bhale amapepa. Abantu banokuzi- tetela okanye bacele omnye ngoku- , bhala abatetele pambi kwegosa.

; Masiyekelele apo ukuwuchaza um- i teto, sobuye siyiqube lencazo kwa- kuba kwelinye inqanam. Okwa- ngok'i

MAYIBE LIXHAPESHU

kulo lonke, baqondisise kwimizi ye Felkornet zabo abantu (pesheya kwe Nciba zimantyi zabo) ukuba atatyatiwe na amagama abo bonke abanemfanelo ngeziveki-ntlanu zi- qale ngo 19 August.

---

UKONIWA KONYULO.

NGEVEKI engapaya sabeka pambi kwabalesi uxwebhu Iwengxelo yenteto zamanene e Palamente pezu komteto owange- niswa ngu Mr. ORPEN opononga ilungelo labanyuli base Kapa loku- zigixa emntwini omnye ivoti umntu.

UQAYISO.

Lengxoxo ngeyingabangako ukuba angasuke u AHMED ATTOULAH Effendi adwanguze ngonyulo kwa ngenyanga ezagqitayo, abe eqayisa kumawabo ngokuba ngolugixo Iwevoti uyakubachopela bonke elunyulweni. Isiqamo siko kuku- ngeniswa kwalomteto ke upelisa ologixo. Ipina ke ngoku i Effendi ?

INGOZI ZOBUQITALA.

Esi sesinye seziganeko zokungenwa kwento zombuso ngabantu abanga- gqibelele kakuhle ukuziqonda. Into zombuso zase mlungwini zinjengesitshetshe esibukali ekuba ngamasikizi wakusibona sipetwe ngumntwana. Ama Silamsi anga- bantwana kwezizinto. Oku sawa- xelela kwangela xesha lobheno ngomteto wevoti, namhla ke azisi- kile.

ICEBO ELIKULU NGONYULO.

Unyulo asinto iqalwayo ngabantu ababutataka lisekude ixesha, kuba zininzi ingozi zokwenjenj do. Ngoku urn Effendi selefumana ezixham- la ngokungenisa amagama arnawabo kuba selegqutyelwe ngotutu nga- banamandla ezandleni zabo.

NAKUMAWETU.

Elicebo lelokubhekiswa nakumawe- tu aziquba ngephika into zonyulo kanti akufuneki zenji wenjalo. Kuzo akunqwenelekile ukuba umntu azibopelele ixesha lisemgama.

UCALULO LWEBALA.

INGXOXO pezu kom-Effendi ine- capaza elihle elingatatwayo. Elobala leliveliswe ngumnumzana u Mr. HOFMEYR. Lendoda siyazi kwa ngeminyaka yamandulo ukuba entli- ziyweni yayo eyendeleyo ingumfo ongenabutshaba ngakuti bantsundu. Ede siti lendawo ahlala ahiale enze amagwevu ngakuti ibangwa kuku- ba uqutywa ngumsinga onzima woluvo Iwezityakala zakowabo ezise Palamente, ekufuneka emane ezenza umntu osebenza kunye nazo.

AMAZIKO KA MR. HOFMEYR.

Kodwa kuyimfauelo ukuba imise- benzi yake ernihle ingafihlwa lipepa elizamela ukuyibeka inyaniso nje- ngoko injalo pambi komzi. Asika- yilibali tina into yokuba ngamaxe- sha awayexakekile kubantu bako wetu, okuvelela kolaulo logonyamelo Iuka SPILIGI U Mr. HOFMEYR waye lelinye lamagora amakulu, kunye no sombuwo u SAUL SOLOMON no Mr. SAUER ukumela imfanelo yaba- ntsundu mayelana nemipu yabo' Wada ngokuvclela kwake kulomа- dabi wangomnye wamadoda egqu- gula olaulo Iuka Sir T. SCANLEN. Ngezomini ayengekabiko e Bandla ama Bhulu. Asiyilibali kwakona into yokuba ukupela komteto eyaka i Palamente yawupumelelisa nge- ndlela esemhlotsheni yokunceda aba- mnyama—umteto wamalungelo wa- bavoti abantsundu—wapunyeleliswa ngu Mr. HOFMEYR xana kwaye kukubi, u Sir GORDON ewubhexesha ngendlela embi ka Tung'umlomo umzi

NAMHLA

sincoma inteto yake entle ngebala elintsundu ayenze kwingxoxo engom- Effendi—inteto " idyong-span " ezi- njengo Mr. SCHREINER, ebezifanele ukuyigqala ziyetyise kakuhle. Lo nteto yile :—" Incaso yake mayela- " na nebala ayinkulu ngangokuba " angamamkeli umntu omfundo " intle njenge Effendi, ukuba uhleli [Ci] kwelo Bandla. Ukuba um-Efiendi " unyulwe, waza yena (Mr. HOF- " MEYR) wanetamsanqa lokunyulwa " — angaqondiyo kakuhle — um- " Effendi kukululekile ukuba ahlale " ecaleni kwake. Olo luluvo olu- " ngekoyo kumalungu amaninzi elo " Bandla.

INTLALO-NTLE YEZIZWE NGEZIZWE

zizimvo ezinjengezi ezibandakanya abantu bomzi omnye zibenze ukuba bahlale ngoxolo—bencedana, bebu- kana, betandana. Saye singa zinga- ya zisanda kweli lizwe. Utete ngohlobo atete ngalo u Mr. HOFMEYR kwakubon' ukuba bekuko iqela ebelite alingetandi kumbona e Bandla urn Effendi ngetuba eline bala lake. Kwezizinto akufuneki kubalulwe ibala, kodwa makukange- Iwe ukufaneleka nokungafaneleki komntu, yiyo into enokuxolisa intla- nga ngentlanga ate Umlauli wento zonke wazidibanisa ngohlobo ahla- nganise ezi zise Mazantsi e Afrika

## Impawana.

AMALUNGU amabini—© AMALUNGU Mr. Orpen no Colonel E KAPA. Griffith—ahleli no Mr. Rhodes endiwini ngalo lonke elixesha ihleliyo nonyaka i Palamente. lyarorelwa lonto, kuba inqubo yabo yomsebenzi e Bandla selingati yonganyelwe seso senzo sobubele se Nkulu. Imfanelo kukuba amalungu ahlale kwin dawo angenakurorelwa nganto xana akuzo.

---

SITE sisarorela inqubo U- RULUMENI ka Rulumeni ukuvula NE zibiiqe ukuba abantu NGQAKAQA. abasuka kwindawo e- zincngqakaqa e Johannesburg baliambe ngapandle komgqa- liselo, safutnana ukuba kute xana si- balayo kanti u Rulumeni selelungiselela kanye amacebo ebesisabonisa ngawo. Lawo macebo sibe siwaseke kwinto esabona isenziwa e England ngexesha ekwaye kusoyikelwa ukungena kwe *Kolerci,* isifo esikubiibisa kugqitileyo nakokwcngqakaqa. Ibbtwe elipatiswe into zempilo yomzi libe lisuke litabate igama lomntu ongena e England apo noko angenanto, nendawo aya kuzo, ukuze abc nokulandwa ngexesha esi- .ngali kapti isifo eso sisenokunihla. Ukuze akuhliwa abe nokubekwa yedwa bucala.

---

A KUKA NYE—kukani- UKUBANJEZELWA nzi—zivakala izikalazo Ko ngokuhambakwe treni LOLIWE. emva kwamaxesha.

Enye indlela ezibanje- r.elwa ngayo, kanti kukusuke ifumane imiswe itreni kwanti, emizini yamafa- ma, abantu Labone ngezicaka zizisa ukutya. Omnye umhambi omhlope uyikalazele lonto wati uya kuyinceteza *igadi;* etc—i s i l u m k o — yambongoza kwaoko. Ibonwa seyisiqodolo itreni, yazalisa nexesha leyule ebise ilahlekwe lilo. Siyatemba ukuba abapati betreni baya kuyalcka.

---

NOKO waye engati uyi- UMCIMBI hambisa ngobushushu WE GLEN GREY u Folosi indawo yoku- *E BANDLA. quba icebo lake nge

Glen Grey, kute kwa- kufika abatunywa, bakuba betetile wakohlwa kuwupaka umqa.

---

BENGE KAFIKI abatu- rAMBi nywa kwaye kuvakala KOKUFIKA ukuba u Rulumeni KWABATUNYWA. uziniiscle ukupuniele- lisa icebo lika Folosi, njengoko linjalo—ukuba benzelwe itai- tile ezingakuselweyo abantu. Ute wa- kuqala ukuxokozela umzi ashukuma amaqela e Bandla. Ube ngcandelo mbini u Rulumeni yedwa :—Inkulu yolaulo isinga ungahlangatyezwa umzi ontsundu ngendawo yokuba linqatyi- swe ilizwe labantsundu. Isikubekiso bati ngu Sir Gordon no Folosi. Ayazi- wa into ebange ukuba bange bangenza ukutanda kwabo ngento engeyabantsu- ndu.

—

BEFIKILE A batunywa, BEi-TKiLE babe nenteto endc no ABATUNYWA. Mr. Frost obepahlwe nguninu m z a n a aba- mqule ngokuti 'Ligqubusha' (ixego u Mr. Innes): into eyenziweyo ibe kuci- kida izigqibo zentlanganiso eyatumayo eyayikwa Mr. Makasi, ekusingetwe umtandazo owatunyelwayo kukangelwa indawo ekungavunyelwanayo, neku- vunyelwanayo ngazo. Kulunge ukuba bate befika wasewusbicilelwe umtandazo lowo ngecebo lika Mr. Orpen.

---

MAYELANA nenqanam UMciMBi. lokuqala le Bbdi eziya kulaula imizi namadle- lo u Folosi ute yinto leyo eyayiyalezwe nayi Komishoni—bayavunielana ngayo. Kukwinqaku lokungatengisi apo uxinge kona umsebenzi, kuboniswa ukuba akwaliwa ukuba batengiselane bodwa abantsundu. Indawo ete xa egileni labacasi ycnzelwe lonizekeliso :—Nantsi i Netevu, inetyala le £50, kufuneka itengisiwe. Ezinye i Netevu zirola £10 ngomhlaba. Ufike umlungu arole £50. Abakwelitwa bayakwaneliswa Iffi.- pina inani. Bati ko niazingabi nami- gqaliselo yakutengisa kumlungu. Abatunywa bemi kwelokuba bazokucasa kanye ukuba abc nelungelo lokutenga omhlope kwindawo ekufunekaigcinelwe abantsundu. Kute xa apo ke kwi Botwe lika Folosi abafikc banqwenela Inkulu Abatunywa.

UTUMEKELELE kunene PAMBI u Mr. Frost ukubesa KWE kwi Nkulu yolaulo (Mr. NKULU. Rhodes) Abatunywa, noko bona bebetanda beye bodwa. Ubashiye kwigumbi loku- lipda wangena yedwa; ekute kanti nanga apa amanene ango Sir G. Sprigg, Mr. Schreiner, no Mr. Fanre, sebe pezu kwengxoxo—inteto yabatunywa seyane- kwe ngu Mr. Frost. Bebiziwe, u Mr. Rhodes ubaxelele into ekugqitywe kuyo libunga, angafihlanga ukuba okwesiqu sake uyayiva into etetwa ngabantsundu, waye ebengatanda enze yona, kwada kwasekukweleliseni utywala, kodwa ke ayenzeki into yokuba kwezizinto umntu afumane into atanda yona kanye. Ate ke bagqibe kwelokuba sekudityanwa kwindawo yok' iba abantsundu oko ubu- bangwa bawugwetyelwe umhlaba ngo- kwecebo le Komishoni, kungabiko kutatyatwa kwefam ezitile njengokuba kuko abatile abebesiti makucuntsulelwe nabamhlope; ugqitywe ngecebo le Taitile ezingakuselweyo iminyaka engenzi- ma mhlainibi ibe mihlanu uptime e Palamente umcimbi; bayakupumelelisa ezindawo, abayakubona ekutatweni no kungatatwa kwetailile into ekungabuye kwenziwe yona ngezayo i Palamente kodwa akusakunyanzelwa bani. Yenje- njalo ukubeka elika Rulumeni. Kodwa yena uyayiqonda into eyoyikwa ngabantsundu ukungena kwabamhlope pakati, atemba ukuba boba nokuvisisana ngangokuba bangabavumeli.

---

U MR. HOFMEYR kudi- UKUBONA tyenwe naye wenze KWABANYE. inteto emhlope ate, iqela lake beseliqibe kwiqumru lalo ukupumelelisa icebo lika Mr. Frost. Ute beke kwako intlanga- niswana yabo no Mr. Rhodes nabahlobo babantsundu o Messrs. Sauer no Innes abebevumelene ngokuba okweminyaka elishumi ukuselwe umhlaba ngetaitile yemida yangapandle, banikwc amapepa angapakati, ayakuti ekupeleni kwalo minyaka aguqulwe abe zitaitile xa ba- tandayo; kodwa kwixesha angekaguqu- Iwa kungabi nakubangwa zivoti ngawo ; abantu babebangabavoti ngohihlobo babangabo ngoku. Ute lendawo bebe- yamkele bona kodwa icaswe lilungu elingu—angasakulibiza ngegama, lika Rulumeni. Yaba iyapela. Abahlobo bayaleze ukuba kulindwe mayelana nokutatwa kwetaitile ezingakuselweyo de babe nokupumelelisa umteto oyaku- kusela. Makungoyikwa kuba umhlaba sewungowabantu. Zinjalo ezingomcimbi womhlambi wabanteundu. Koku ku- pitizela kwenteto usafumane welili u Rulumeni, amalungu anovelwano olu- kulu nabantsundu. Akukaqondakali eyona nto kuyakuba yiyo okwangoku.

---

UTE obone ukuvota IVOTI kwama Bulu e Pala- YAMA BHULU. mente—esuka onke ekungasalanga nalinye kwieala elicaswe zinkulu zawo—uvakele omnye csiti levoti yama Bulu ngeyipi- ndwa siti bantsundu. Akwaba beku- nganjalo kolunyulo luhlalelc ukubako.

---

E BHOTWE into anga- IMPATO yibonayo umntu no- YOMSEBENZI. iigenangqoiido ibazile- yo kukuba into zombuso zipetwe ngezandla yimpi eniado- dana kunale seyingwevu. Amaxego ezintweni zabantsundu ngukukodwa awanandlela. Oku kubalele okunye mayelana ne ofisi yabalimi e Kapa epctwe ngabafana—into zo Currey nezo Cowper—apo ububele nenyarneko iko- na. Kodwa yiya kweyabantsundu, kumaxego o Folosi no Innes omdala. Tu indlela! Kubi ke.

---

AKUKO nto imbi e Ba- UBUBI ndla e Kapa igqite E BANDLA. ukupulapula ukula- ndelelana kwenteto zama Bulu. Ngamadoda ati liqalile lalinye, kungc kuvulelwe ingxangxasi yamanzi, aye engenanto ityulu—nako- vayo—-ateta yona. Lento yabaluleka mhla i Bandla laye lisingete amacebo angemfundo esaka sawadwelisa, Kuko ababa enzelwe abamhlope bodwa. J ofisi yenifundo iti anendawo ez.ibanzi eziya kusebenza nakwabangemhlope,

---

KUFUMANEKA e Kapa ABAZIGQATSILEYO ukuba omatatu lanuu EBA TENJINI. doda apambi komzi o Batenjini ukuba anyu- lelwe i Palamente awamkelekile kunia- doda eqela elazelwa ukuba lelizamela abantsundu e Palamente. Masiwuvuse umzi wakowetu ukuba ungazimoshi ivoti kuba ngoku kufuneka bukali kwa- kiwe iqela lamadoda anobuhlobo ngakuti eliyakuba lumanyano. Akuma- ngaliso ke ukuba abahlobo babe becinga ngokungenisa elugqatsweni eyona ndo- da babona ukuba banokusebenza kunye nayo yakuba ifikile e Palamente. Lendawo kuyafuneka ijongwe ngamadoda engxoxo e Batenjini nakwelama Mfengu.

### *NGE GLEN GREY.*

Kubatunywa nge Glen Grey abase Kapa sifumene olucingo :—Capetown, ngolwesi- Bini.—Kwabanolwazi ngento zombuso e Kapa kucingwa ukuba isigqibo sika Rulumeni nge Glen Grey siya kutiwa gexe bucala.

---

## IZINTO NGEZINTO.

AMAGAMA ! AMAGAMA !—Uyavuswa nmzi ukuba uvelele imizi yamagosa abebh&la abavoti ukukangela ukuba, njengokuba umqulu ubheugeziweyo, angenieiwena onke amagama abanemfanelo,

ISIFO SAMAHASHE.—Isifo ekutiwa siyi Strangles siwangenele amahashe e Mtata.

I FELKOR'JETI.—U Sergeant W. R. Ellis umiselwe ubu Felkornet be Ward No. 7 e Monti.

KOKSTAD—I Netevu engn Petros Yak^ idliwe i £10 okanye inyanga ngokusebenzisa Isitampu esidala sasetyenziswa.

INGQAKAQA—Umzana ekutiwa yi Spe. lonken e Transvaal ubolile yingqakaqa kangangokuba ite imantyi akusenakwenziwa nto de sidambe ngokwaso esisifo.

U MB. HOFMEYR NE PALAMENTE.—Kukq ulnre lokuba akangebe lungu le Palampnte ezayo u Mr. Hofmeyr. 'Mbangi kqkungq,. sikataleli eso eihlalo. Lendawo ayingebj- ntle, kuba umsebenzi wake wokutintela ubuaalarume be Bonti ube ungemneinane. Singalusizi tina eroxile.

E Post' OFFICE.—Olu lulublu Iwencvvadi abangaziwayo abaniuizo ezifumbe e Qonce 15 August, 1893:—Tbos C Bopi, Mrs Gufums, W Konga. Jim Liliy, Mrs L Maton, Thos Magirato, Chas Manana, S B Msitsha- na, Lubisi Mtonto, David Mdiya, Makinane Maki, Melani Micella, G Mpetsheni, Faku Ndunga, Esther Nxanga, K N Notshongalo, Jack Noxeshi, Esther J Paula, T Parnede, Alfred Rika, Solomon Qweleya, Mrs Annie Qaka, Faniso Sidayiya, Simon Koto, A Tse- wu—D. MACKINTOSH, Acting Postmaster,

# IPALAMENTE.

## IMPAWU E BANDLA.

Umsebenzi o Bandla usekuxakekeni okungatetekiyo, awuhambi ngenxa yobuqitala balamadoda apeteyo: elixa into zo Merriir.an nezo Sauer, nabanye abanabo, berole ubuciko nobuluniko obubeta abalauli. Igalelo licalanye nase zingxoxweni.

### U MP ATIS W A-KULIM A.

